# Okuqulathiweyo

**TERM 1**
Masjidul Quba ................................................................. 1
Masjidun Nabawi sallallahu alayhi wasallam ..................... 2
Iziganeko ezenzeka kwiminyaka emibini yokuqala ............ 3
Isivumelwano kunye namaJuda ........................................ 5
Abangakholwayo abanomona........................................... 6
Ikharaveni ka-Abu Sufyaan kunye neBadr (2 AH) .............. 7
**TERM 2**
Imfazwe yaseBadr (17th Ramadaan - 2 AH)........................ 8
E-Uhud (3 AH)................................................................... 9
Imfazwe yese Uhud (Shawwal 3 AH)............................... 10
Inkathazo yamaQuraish (4 AH) ....................................... 11
AmaJuda ......................................................................... 12
Imfazwe yomsele (5 AH).................................................. 13
**TERM 3**
(Uhlanga lwe) Banu Quraizah (5 AH)............................... 14
Sivumelwano sase Hudaibiyah (6 AH)............................. 15
Iileta eziya kwiinkokheli (7 AH) ...................................... 16
Khaibar (7 AH) ................................................................ 17
Imfazwe yase Mu'ta (8 AH) ............................................. 18
Uloyiso lweMakkah ......................................................... 19
**TERM 4**
(Imfazwe yase) Tabook (9 AH)......................................... 20
Abameli (9 AH) ............................................................... 21
Isifungo sase-Aqabah ..................................................... 22
IHajj yokuthi ndlela ntle (10 AH) .................................... 23
Ikhutba (intshumayelo) yokuthi ndlela ntle ..................... 24
Ukugula .......................................................................... 25
Ukusweleka nokungcwatywa .......................................... 26

# Isifundo Sokuqala TERM 1

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Iintsuku eziyi 14 | Quba | IMasjid yokuqala | Masjidul Quba |
| Abu Ayub ﵁ | Ansaar | Muhaajir | Ngaphandle |

**Masjidul Quba**

1. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam okokuqala wahlala ngaphandle kwaseMadina iintsuku ezilishumi elinesine kwindawo ebizwa ngokuba yiQuba.
2. IMasjid yokuqala ukwakhiwa kwimbali ye-Islam yakhiwa apho eQuba. Yabizwa ngokuba yiMasjidul Quba.
3. Emveni koko uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wathi wangena kwidolophu yaseMadinah.
4. Wahlala ekhayeni likaHazrat Abu Ayub Ansaari radhiallahu anhu.
5. AmaMuslim azinzalelwane zaseMadinah ayebizwa ngokuba ngama-Ansaar.
6. Ama-Ansaar aqinisekisa ukuba ayohlulelana ezindlwini kunye nakwizinto zawo nabo bangathathi ntweni bangenamakhaya bavela eMakkah.
7. Lo maMuslim ayevela eMakkah ayebizwa ngokuba ngama Muhaajir.

# Isifundo Sesbini

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Umhlaba ongenanto | Iinkedama ezimbini | Sahl no Suhail رضي الله عنه | Umthi wosundu |
| Masjid | Masjidun Nabawi ﷺ | Isakhiwo | Isiqu somthi wosundu |

**Masjidun Nabawi sallallahu alayhi wasallam**

1. Umhlaba ongenanto osecaleni kwendlu ka-Abu Ayub Ansaari radhiallahu anhu abanikazi bawo yayiziinkedama ezimbini, uSahl no Suhail radhiallahu anhuma.
2. Lo mhlaba wathi wathengwa kwezinkedama zimbini khona ukuze kwakhiwe kuwo iMasjid.
3. Lo Masjid yilena namhlanje yaziwa ngokuba yiMasjidun-Nabawi sallallahu alayhi wasallam, yayakhiwe ngendlela elula.
4. Izitena zayo zazibhakwe ngelanga kanti nalo usundu lwasetyenziswa ekwakhiweni kwalo Masjid.
5. Uphahla lwayo yayingumthi osundu kanti wona umgangatho yayingumhlaba.

# Isifundo Sesithathu

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Umar ﵁ | Azaan | Iphupha | Bilaal ﵁ |
| iMuazhin yokuqala | Ukuzila ngeRamadhaan | Zakaah | Ukutshintsha kweQibla |

**Iziganeko ezenzeka kwiminyaka emibini yokuqala**

**AZAAN:**

1. Ngexesha uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam efika eMadinah kwaye kwakho imfuneko yokuba kubizelwe abantu emthandazweni.
2. Kwaziwa ngaphambili neembono ezahlukeneyo kodwa akukho nanye kuzo eyathi yomkelwa.
3. UHazrat Umar radhiallahu anhu weva ephupheni i-Azaan. Wabalisela uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam oko akuve ephupheni.
4. Ngoko nangoko uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi wayomkela lo azaan yathi yaviwa ngu-Hazrat Umar radhiallahu anhu.
5. UHazrat Bilaal radhiallahu anhu waba yi-Muazhin yokuqala kwi –Islam.

**SAUM:**

1. Ukwenziwa kube lunyanzelo ukuzila ngenyanga yeRamadhaan.
2. Ngaphambili kunoko amaMuslim ayezila ngomhla weshumi kwinyanga yeMuharram kuphela.

**ZAKAAH:**

1. Abo bazizityebi bakhuthazwa ukuba bachithe ubutyebi babo kwabo bahluphekayo.

**UKUTSHINTSHA KWEQIBLA:**

1. Kwiinyanga ezilishumi elinesithandathu zokuqala emva kweHijrah, amaMuslim ayejonga ngase Masjidul Aqsa (eJerusalem) xa ethandaza.
2. Ngoku u-Allah Ta'ala wawayalela ukuba ajonge ngase Makkah.

# Isifundo sesine

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Isivumelwano | AmaJuda | Uhlonipha | Inkolo |
| Ubom, izinto kunye neempahla | Imfazwe | Uncedisana | AmaKrestu |

**Isivumelwano kunye namaJuda**

1. Ngexesha uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ezokuhlala eMadina, kwakukho amaJuda kunye namaKrestu nawo ayehlala eMadinah.
2. Khona ukuze bazokuhlalisana ngoxolo uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wenza isivumelwano kunye namaJuda.
3. **Esosivumelwano sasiquka oku kulandelayo:**
    a. AmaMuslim kunye namaJuda ingulowo uzakuhlonipha inkolo yomnye.
    b. Ingulowo uzakuhlonipha ubom bomnye, izinto zomnye kunye neempahla zomnye umntu.
    c. Ngexesha lemfazwe bazakuncedisana.

# Isifundo Sesihlanu

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Uxolo | Ukonzakaliswa | Azaan | Ngokuvulelekileyo |
| Salaah | Nilibandla | Umona | Ukumka |

**Abangakholwayo abanomona**

1. AmaMuslim ayephila ngoxolo ukususela ngexesha lokumka kwawo eMakkah.
2. Kwakungekho mntu ubanqandayo okanye ubonzakalisayo ekwenzeni izinto zenkolo yawo.
3. I-Azaan yakwazi ukwenzelwa esidlangalaleni.
4. Umthandazo wakwazi ukwenziwa nilibandla kwaye zonke izinto zenkolo zazisenziwa ngoxolo.
5. EMakkah kwakusheke igcuntswana lamaMuslim, nawo ayesheke ngenxa yokuba emadala okanye ngenxa yokuba abangakholwayo bebanqanda ukuba bangahamba.
6. Ukuhlala ngoxolo nokonwaba kwamaMuslim eMadinah kwenza ukuba abo bangakholwayo babenomona.
7. Bazama ukufumana isizathu sokuba bakwazi ukonzakalisa amaMuslim.

# Isifundo Sesithandathu

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Ikharaveni | Syria | Unyaka wesibini | Uhambo lorhwebo |
| Amadoda aliwaka | 313 | Angaxhobanga kuyaphi | Badr |

**Ikharaveni ka-Abu Sufyaan radhiallahu anhu kunye neBadr (2 AH)**

1. Ama-Arab ayesenza urhwebo kunye Syria kengongo rhoqo ayethumela iikharaveni zawo khona. Abarhwebi baseMakkah kwakufuneka benqumle eMadina xa besiya eSyria.
2. Kumnyaka wesibini emva kweHijrah, u-Abu Sufyaan radhiallahu anhu wayebuya kuhambo lwakhe lorhwebo.
3. Waba noloyiko lokuba hleze amaMuslim ayihlasele ikharaveni yakhe. Wathumela umyalezo kubantu baseMakkah ukuba mabamkhusele. Yilonto kanye amaQuraish ayeyifuna, imfazwe kunye namaMuslim. Ngoko nangoko ahlanganisa umkhosi wabantu abaliwaka.
4. U-Abu Sufyaan radhiallahu anhu wathi wokwazi ukugqitha eMadinah ngaphandle kokuba ahlaselwe, wathumela umyalezo wesibini ochaza ukuba akasalufuni uncedo kuba engekho ngozini.
5. Abo bangakholwayo bala ukubuya umva baqhubekeka ukuya eMadinah. Zathi zakufika eMadinah iindaba zokuba umkhosi waseMakkah usendleleni.
6. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam kunye neqela lamajoni ayi 313 angaxhobanga kuyaphi, bahamba bayokuhlangabeza lo mkhosi wabo bangakholwayo.
7. Lo mikhosi mibini yathi yagagana eBadr, engumgama oziikhilomitha ezi 130 ukusuka eMadinah.

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Dua | Ancedise | Quraish | Boyiswa |
| 70 | Babulawa | Amabanjwa | 14 |

**Imfazwe yaseBadr (17th Ramadaan - 2 AH)**

1. Phambi kokuba imfazwe iqale uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wenza iDua (isikhungo) ku-Allah Ta'ala ukuba awancedise amaMuslim.
2. Wenza iDua ku-Allah Ta'ala ngalamazwi, "Hini na Allah! Ukuba eliqela lam lincinane liyatshabalala namhlanje, Akusayi kuphinda unqulwe."
3. Emva koko yaqalisa imfazwe, ngoncedo luka-AllahTa'ala, amaQuraish athi oyiswa kanobom.
4. Abo bangakholwayo abayi 70 basweleka kanti abanye abayi 70 bathi bathatyathwa njengabathinjwa.
5. Abo bathinjwa bayi 70 bathi bakhululwa emva kokuba bathi barholelwa isixa semali ethile.
6. Abo bathi basilela ukurhola loo mali bayalelwa ukuba bafundise abantwana bama Muslim ukufunda nokubhala phambi kokuba bakhululwe.
7. AmaMuslim ayi 14 athi asweleka kule mfazwe.
8. Abanye bosaziwayo babo bangakholwayo abathi basweleka kule mfazwe yayingu Utbah, Abu Jahl, Shaybah kunye no-Umayyah bin Khalaf. Elo yaba liduma elikhulu kwabo bangakholwayo.

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Uloyiso | Abangakho lwayo | Amajoni ayi 3000 | Amajoni ayi 1000 |
| Abahanahanisi abayi 300 | Abdullah Ibni Ubay | Uhud | Iikhilomitha ezintlanu |

**E-Uhud (3 AH)**

1. Emva kokuba boyisiwe eBadr, abo bangakholwayo bafuna ukuziphindezela.
2. Kweli ityeli badibanisa uqilima lomkhosi wamajoni angamawaka amathathu banyathelela phezulu ukuya eMadinah.
3. AmaMuslim wona ahlanganisa umkhosi wamajoni aliwaka nawo anyathelela phezulu ukuyohlangabeza abo bangakholwayo.
4. Abahanahanisi bekhokelwa ngu-Abdullah bni Ubay bathi bakubona umkhosi omkhulu wabantu baseMakkah, bawashiya enyanyeni amaMuslim, Atsho amaMuslim asheka engamakhulu asixhenxe ekufuneka equlubisene namawaka amathathu wabantu base Makkah.
5. Lo mikhosi mibini yangquzulana kwinduli yase Uhud, yona ekwiikhilomitha ezintlanu ukusuka eMadinah.
6. ***Qaphela:*** Abahanahanisi ngabobantu elubala babezibonakalisa ngokungathi ngamaMuslim kanti emfihlakalweni babencedisana nabo bangakholwayo.

# Isifundo Sesithoba

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Abadubuli bamatolo | Indlela ehamba phakathi kwentaba | Indlela engagadwanga | Khalid Bin Waleed ﵁ |
| Abangakholwayo | Wahlasela | AmaMuslim ayi 70 | Hamza ﵁ |

**Imfazwe yese Uhud (Shawwal 3 AH)**

1. Iqela labadubuli bamatolo layalelwa ukuba lukhusele indlela ehamba phakathi kwentaba.
2. AmaMuslim alwa ngobugorha kangangokuba abo bangakholwayo babaleka kwithafa lemfazwe.
3. Abanye abadubuli bamatolo bacinga ukuba imfazwe iphelile kengoko bayishiya loo ndlela inqumla phakathi kwentaba.
4. UKhalid bin Waleed radhiallahu anhu ngeloxesha wayekwicala labo bangakholwayo, wahlasela amaMuslim ngasemva.
5. AmaMuslim othuka kuba wayengakulindelanga oko kwakusenzeka. Kodwa amaMuslima alwa ngobukroti abathyalela kude abo bangakholwayo.
6. Ngelishwa amaMuslim angamashumi asixhenxe athi asweleka.
7. Kwabo baswelekayo kwakuquka uHazrat Hamza radhiallahu anhu, umalume kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.

# Isifundo Seshumi

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Quraish | Ukhathaza | Makkah | Hajj |
| Ukuzenzisa | Rasoolullah ﷺ | 10 Sahaaba ﵁ | 8 Sahaaba ﵁ |
| Babulawa | Ababini bathengiswa | Ootitshala abayi 70 | 69 Sahaaba ﵁ abulawa |

**Inkathazo yamaQuraish (4 AH)**

1. Emva kwemfazwe yase-Uhud, amaQuraish aqhubekeka nokwenza ububi ngokuchasene ne-Islam. Aqhubekeka eshumayeza ngokuchasene ne-Islam kuzo zonke ezinye iintlanga xa zize eMakkah uzokwenza iHajj.
2. Uhlanga oluthile lweza eMadinah lusenza ingathi lomkele i-Islam.
3. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathumela amaSahaaba alishumi ukuba afundise olohlanga lwalufika eMadinah.
4. Kulo maSahaaba alishumi olohlanga labulala asibhozo lwaza lwathengisa njengamakhoboka amaSahaaba radhiallahu anhum amabini kubantu baseMakkah.
5. Abantu baseMakkah bawabulala lo maSahaaba radhiallahu anhum omabini.
6. Inkosi yohlanga oluthile yeza ngaphambili icela uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ukuba abanike ootitshala abangamashumi asixhenxe.
7. AmaSahaba radhiallahu anhu angamashumi amathandathu anesithoba abulawa. Elinye lakwazi ukubaleka labuyela eMadinah lazokubika ngokokubulwa kungenasisini.

# Isifundo Seshumi Elinanye

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| AmaJuda | Isivumelwano | Banu Qainuqa | Banu Nazeer |
| Icebo | Yayikubulala uRasoolullah ﷺ | Allah Ta'ala | Wamxelela |

**AmaJuda**

1. AmaJuda azange asigcine isivumelwano ayesithathile kunye namamMuslim.
2. Iqela lokuqala lamaJuda ukugxothwa eMadinah yayiBanu Qainuqa ngonyaka 2 AH.
3. Iqela lesibini lamaJuda ukugxothwa eMadinah yayiluhlanga lwe Banu Nazeer ngenxa yokuba lwenzela iyelenqe amaMuslim.
4. Iyelenqe lwabo yayikukubulala uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.
5. U-Allah Ta'ala wamxelela uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngelo yelenqe lwabo.
6. IBanu Nazeer yayishiya iMadinah ngonyaka we 4 AH.
7. Nasekubeni egxothiwe eMadina amaJuda azenge ayeke ukuceba ububi ngakuma Muslim.

# Isifundo Seshumi Elinesibini

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Banu Nazeer | Abangakholwayo base Makkah | Baqweqwedisa | Amajoni ayi 10,000 |
| Salmaan Farsi رضي الله عنه | Ekungeneni kwase Madinah | Umsele | Intsuku ezingamashumi amabini anesixhenxe |

**Imfazwe yomsele (5 AH)**

1. Ekubeni uhlanga le Banu Nazeer luyalelwe ukuba luyishiye iMadinah, lahamba layokucela uncedo kwabo bangakholwayo base Makkah.
2. IBanu Nazeer yaqweqwedisa abo bangakholwayo base Makkah ukuba bahlasele amaMuslim.
3. Kweli ityeli abo bangakholwayo bahlanganisa amajoni angamawaka alishumi.
4. UHazrat Salmaan Farsi radhiallahu anhu wacebisa ukuba kugrunjwe umsele (Khandaq) ekungeneni kwaseMadinah. Kungesosizathu lemfazwe ibizwa ngokuba yimfazwe yomsele (khandaq).
5. Umkhosi wabo bangakholwayo wohlulakala ukunqumla lo msele.
6. Bagxumeka iintente zabo kwelinye icala lomsele iintsuku ezangamashumi amabini anesixhenxe, njalo bafaka amaMuslim ebunzimeni obukhulu.
7. Abo bangakholwayo bemka ngokusuka kufike isaqhwithi esikhulu.

| AMAGAMA APHAMILI | | | |
|---|---|---|---|
| Banu Quraizah | Umkhosi omkhulu | Ngaphandle kwaseMadinah | Bophula |
| Isivumelwano | Azivalela | Ezinqabeni | Iincwadi zamaJuda |

**(Uhlanga lwe) Banu Quraizah (5 AH)**

1. IBanu Quraizh yayiluhlanga lokugqibela lwamaJuda ukuhlala eMadinah.
2. IBanu Quraizah yathi yakubona umkhosi omkhulu wabo bangakholwayo ugxumeke iintente ngaphandle kwase Madinah, iBanu Quraizah yasophula isivumelwano esasikhona phakathi kwawo namaMuslim.
3. Ekubeni abo bangakholwayo bebuyele eMakkah, uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wangqala kuma Banu Quraizah.
4. AmaJuda azivalela kwiinqaba zawo.
5. Emva kwenyanga azinikezela kumaMuslim.
6. Bohlwaywa ngokwemiqathango yeencwadi zamaJuda. Kwafuneka banikezele ngezinto zabo zonke kumaMuslim kanti wona amadoda abulawa.

# Isifundo Seshumi Elinesine

| AMAGAMA APHAMIBLI | | | |
|---|---|---|---|
| Umrah | 1400 yamaSahaaba رضي الله عنه | Abangakholwayo | Balelwa ungena |
| Isivumelwano | Hudaibiyah | Unyaka olandelayo | Iintsuku ezintathu |

**Sivumelwano sase Hudaibiyah (6 AH)**

1. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wayenqwenela ukwenza i-Umrah kwaye atyelele indlu ka-Allah, iKa'bah.
2. Wemka esingise eMakkah neqela lamaSahaaba radhiallahu anhum ayi 1400.
3. Abo bangakholwayo baseMakkah bamalel ungena eMakkah uHazrat Muhammad sallallahu alayhi kunye namanye amaMuslim.
4. Kodwa kwasayinwa isivumelwano phakathi kwamaMuslim nabo bangakholwayo kwindawo ebizwa ngokuba yiHudaibiyah.
5. Nazi izinto ezazibhaliwe kweso sivumelwano:
   5.1 Ukuba amaMuslim azakuvunyelwa abuye kunyaka ozayo.
   5.2 AmaMuslim azakuvunyelwa ukuba ahlale eMakkah iintsuku ezintathu kuphela.
6. AmaMuslim abuyela eMadinah ngaphandle kokuba enze i-Umrah.
7. Kunyaka olandelayo, abuya azokwenza i-Umrah.
8. Emva kweentsuku ezintathu, abo bangakholwayo bayalela amaMuslim ukuba ayishiye iMakkah.

# Isifundo Seshumi Elinesihlanu

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Hazrat Muhammad ﷺ | Iileta | Iikumkani | Ukomkela i-Islam |
| Abanye bafumana | Ngezandla ezishushu | Basikhaba | Najashi |

**Iileta eziya kwiinkokheli (7 AH)**

1. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wathumela iileta kwiiKumkani, kwiinkosi nakunye neenkokheli zeemvaba ezahlukeneyo kunye neendawo ezahlukeneyo ebabizela ukuba bomkele i-Islam.
2. Abanye babomkela ngezandla ezishushu abathunywa bakaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kanti abanye azange, basikhaba isimemo sika Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam.
3. IKumkani yase Abyssinia, uNajashi kunye nekumkani yase Yiputha, Makoukis eso simemo basomkela ngezandla ezishushu.
4. IKumkani yamaPeresi yayikrazula yayilahla ileta kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.
5. IKumkani yamaRoma yayiyazi ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngumProfethi ka-Allah Ta'ala, kodwa azange iyomkele i-Islam.

# Isifundo Seshumi Elinesithandathu

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Khaibar | Iikhilomitha eziyi 115 | Madinah | Banu Nazeer |
| Iqhinga elidala | Amamuslim athabathela ulawulo | Anikezela ngomhlaba | Isiqingatha sesivuno |

**Khaibar (7 AH)**

1. IKhaibar yidolophu emalunga neekhilomitha eziyi 115 ukusuka eMadinah.
2. AmaJuda ase Banu Nazeer athi ahlala khona ekubeni emkile eMadinah.
3. La maJuda aqhubekeka esenzenzela ama Muslim amayelenqe.
4. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wangqala ngqo nomkhosi ukuya eKhaibar.
5. IBanu Nazeer yazama iqhinga labo elidala lokuba bazivalele kwiinqaba zabo. Abanye babo bazinikezela kanti abanye babo baqina enyaleni okwethutyana.
6. Emva kokusokola okukhulu amaMuslim aphumelela ukuthabathela kuwo ezo nqaba.
7. Njengesohlwayo amaJuda kwafuneka anikezele ngomhlaba wawo kwaye anikezele ngesiqingatha sezityalo zawo kumaMuslim rhoqo ngonyaka.

| AMAGAMA APHAMIBLI | | | |
|---|---|---|---|
| Shurahbeel | Syria | Wabulala | Abathunywa |
| Amawaka amathathu | 100,000 | Jafar رضي الله عنه | Zaid bin Haarith رضي الله عنه |

**Imfazwe yase Mu'ta (8 AH)**

1. Inkosi engumKrestu eyayibizwa ngokuba nguShurhabeel yayihlala kufutshane naseSyria.
2. Wabulala omnye wabathunywa bakaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.
3. UShurhabeel wayekwafuna ukuhlasela EMadinah.
4. Umkhosi wamadoda ayi 3000 wathunyelwa ukuba uyokohlwaya lenkosi.
5. Yacela uncedo kumaRoma nakwezinye iintlanga zamaKrestu ezazikufutshane nayo.
6. Ngenxa yoko amaMuslim aphetha ejongana nomkhosi omalunga ne 100,000.
7. AmaMuslim alwa ngobugorha, kodwa azange kubekho cala loyisa elinye.
8. UHazrat Ja'far radhiallahu anhu kunye noHazrat Zaid bin Haarith radhiallahu anhu yayingabanye babo bathi basweleka kule mfazwe.

# Isifundo Seshumi Elinesibhozo

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Isivumelwano | Umkhosi | Makkah | Bengalindelanga |
| Izithixo | Zaqhekezwa | Taif | Wabaxolela |

**Uloyiso lweMakkah**

1. Abo bangakholwayo basophula isivumelwano sabo namaMuslim.
2. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wangqala ngqo nomkhosi wakhe ukuya eMakkah.
3. Abo bangakholwayo bafikelwa bengalindelanga kengoko bazinikezela kumaMuslim ngaphandle kokulwa. Uninzi lwabo lomkela i-Islam.
4. Zonke izithixo ezazikhona kwiKa'bah zaqhekezwa zangamasuntswana.
5. Iintlanga ezimbini ezazihlala eTaif neendawo ezingqonge iTaif azange zomkele i-Islam ngoko nangoko. Kodwa nazo emva kweminyaka emibini zomkela i-Islam.
6. Abanye babobantu baseTaif yayingabo babexulube ngamatye uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngethuba wayeye eTaif. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wabaxolela abo abantu baseMakkah kunye nabaseTaif. Azange aziphindezele kubo.

| AMAGAMA APHAMILI | | | |
|---|---|---|---|
| Amaroma | Uzokugagana | Madinah | Umkhosi |
| 30,000 | Tabook | 700 km | AmaKrestu |

**(Imfazwe yase) Tabook (9 AH)**

1. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wafumana udaba lokuba amaRoma anenjongo yokuhlasela eMadinah.
2. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam waphuma eMadinah nomkhosi omalunga ne30,000.
3. ITabook imalunga neekhilomitha eziyi 700 ukusuka eMadinah.
4. AmaMuslim athabatha malunga neeveki ezimbini phambi kokuba afike eTabook.
5. AmaRoma azange eze uzokugagana namaMuslim kwaye namaKrestu ase Tabook ayengakulungelanga ukulwa loo mkhosi mkhulu wamaMuslim.
6. Kodwa amaMuslim enza isivumelwano namaKrestu, akugqiba abuyela eMadinah ngaphandle kokuphakamisa ikrele.

# Isifundo Samashumi Amabini

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Abanamandla | Kokuthathela ulawulo | Makkah | Izithixo |
| Unqula | Iintlanga | Abameli | Amawakawaka omkela i-Islam |

**Abameli (9 AH)**

1. AmaMuslim abanamandla nangakumbi emva kokuthathela phantsi kolawulo lwawo iMakkah.
2. Lo ma-Arabu ayekhonza izithixo aqaphela ukuba akasayi kukwazi ukulwa amaMuslim kwakhona.
3. Iintlanga ezahlukeneyo nganye nganye zathumela abameli bazo eMadinah befuna ukomkela i-Islam.
4. Ngexeshana nje elingephi amawaka waka athi omkela i-Islam.
5. Lo nyaka wawubizwa ngokuba “Ngunyaka Wabameli.”

# Isifundo Samashumi Amabini Ananye

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| 9 AH | Hajj | Kwalunyanzelo | Abu Bakr رضي الله عنه |
| Ufundisa | Abenzi bomahlulelane no-Allah | Abazakuvunyelwa | Makkah |

**Isifungo sase-Aqabah**

1. Kunyaka we 9 AH u-Allah Ta'ala wenza kwalunyanzelo ukwenziwa kweHajj kumaMuslim.
2. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathumela uHazrat Abu Bakr radhiallahu anhu ukuba akhokele ekwenziweni kweHajj.
3. Wacelwa ukuba afundise amaMuslim malunga neHajj kunye ne-Islam.
4. Bonke abantu ababezile kwiHajj baxelelwa ukuba kunyaka ozayo, abasayi kuvunyelwa abo benza oomahlulelane no-Allah eMakkah.
5. Bonke abo babekhonza izithixo bathi bomkela i-Islam.

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Ndlela ntle | Ayelawula | Makkah | Boyiswa |
| Bomkela i-Islam | Benza | Hajj | 100,000 Yabantu |

**IHajj yokuthi ndlela ntle (10 AH)**

1. Ngoku ukusokola usasaza i-Islam kwakusele kuphelile.
2. AmaMuslim ayelawula eMakkah kwaye kungekho mntu uwanqandayo ukuba aye eMakkah.
3. Bonke abo bangakholwayo baboyisiwe kwaye bonke bomkele i-Islam.
4. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam naye wayesele eyazi ukuba uwugqibile umsebenzi wakhe.
5. Wathabatha uhambo oluya kwiHajj yakhe yokugqibela.
6. Malunga 100,000 yabantu abamphelekayo ukuya kule Hajj.

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Intshumayelo | IHajj yokugqibela | Ukhokela | Abazalwana |
| Ubulala | Ngakumakhosikazi | Ukuziphindezela | Uthabatha inzalas |

**Ikhutba (intshumayelo) yokuthi ndlela ntle**

1. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wanikezela ngentshumayelo ngethuba esenza iHajj yakhe yokugqibela.
2. Wanikezela ngezingcebiso zilandelayo kwintshumayelo yakhe:
   a. Quran isisikhokelo kuluntu lonke.
   b. Zonke iiMuslim ngabazalwana omnye komnye.
   c. AmaMuslim akavumelekanga ukubulala amanye amaMuslim.
   d. Ukuba nenceba kumakhosikazi.
   e. Akuvumelekanga ukuziphindezela ngezinto ezagqithayo.
   f. Ukuthatha okanye ukunikezela inzala akuvumelekanga.

# Isifundo Samashumi Amabini Anesine

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| Ugula | Intaba ye-Uhud | Jannatul Baqee | Isigulo |
| Iiveki ezimbini | Ayesha ﵂ | | |

**Ukugula (kukaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam) (11 AH)**

1. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wathi wagula emva kweenyanga ezimbini emveni kokuba ebuyile kwiHajj.
2. Phambi kokuba agule watyelela intaba ye –Uhud apho amajoni amaMuslim ayengcwatyelwe khona.
3. Kananjalo wathi watyelela amangcwaba aseMadinah abizwa ngokuba yiJannatul Baqee, apho wenza isikhungo sabo baswelekayo.
4. Ngethuba egula uRasoolullah sallallahu alayhi wahlala endlwini kaHazrat Aisha radhiallahu anha.
5. UHazrat Abu Bakr radhiallahu anhu wonyulwa ukuba akhokele umthandazo.
6. Ukugula kukaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kwatsala ithuba elingangeeveki ezimbini.

| AMAGAMA APHAMBILI | | | |
|---|---|---|---|
| 12th Rabiul Awwal | Wasweleka | Uhlamba umzimba | Ukombathisa |
| Umthandazo womngcwabo | Ayesha رضي الله عنها | Amaqela | Igumbi |

**Ukusweleka nokungcwatywa (kuka Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam)**

1. Ngomhla we 12 kwinyanga yeRabiul –Awwal, uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wathi waphefumla okokugqibela emhlabeni.
2. Ekuqaleni ebantwini kwakunzima ukuyikholelwa ukuba ngokwenene uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam uswelekile.
3. Umzimba wakhe ongcwele wathi wahlanjwa emva koko wombathiswa ngamalaphu.
4. Umthandazo womngcwabo wakhe wathi wenziwa ngamaqela ngamaqela.
5. Emva koko wathi wathotywa umzimba wakhe engcwabeni phantsi kwalo ndawo wathi waswelekela kuyo. Konke oko kwenzelwa egumbini likaHazrat Ayesha radhiallahu anha.

